

Bazali, Bagcini naBanonopheli babafundi, ababekekileyo

# MASIMENZE U-2023 OWONA NYAKA WESIKOLO UGQWESILEYO NANGOKU!

Siyanamkela kwakhona kunyaka wesikolo ka-2023!

Sikwamkela ngobubele bonke abo bazali bangena kwinkqubo yemfundo yezikolo zikarhulumente yaseNtshona Koloni okokuqala ngqa. Kwabaninzi, sisiqalo sohambo lweminyaka eli-12 kunye nathi nabahlali besikolo ngokunjalo. Kwabanye, inokuba ngunyaka wokugqibela. Nokuba undawoni na kulo mjikelo, kubalulekile ukugxininisa okuyimfuneko kunyaka wesikolo ozayo. Kufuneka sisebenzisane yaye siyenze indawo yokufunda ibe yekhuselekileyo nebakhuselayo abantwana bethu abanokukhula kuyo.

Sifuna ukuqinisekisa ukuba wonke umntwana, kwiklasi nganye, kwisikolo ngasinye kwiphondo ufumana imfundo esemgangathweni. Ukwenzela ukuba kwenzeka oku, inkxaso nenkuthazo yabazali, nokuthatha inxaxheba kubalulekile kuwo onke amabakala. Siphulukene nexesha elixabisekileyo lokufundisa nokufunda ngexesha likabhuhane we-COVID-19 yaye ngoku lixesha lokuba "sibuyisele imeko esiqhelweni" ukuze sibuyise elo xesha siphulukene nalo yaye sifumane inzuzo ebonakalayo.

Lo gama senze inkqubela kulo nyaka uphelileyo, ngelishwa, siye sabona ukuhla komgangatho kwindlela yokuziphatha kwabafundi ezikolweni zethu. Zandile izenzo zendlela yokuziphatha engamkelekanga phakathi kwabanye abantu, ezokubhulishwa (bullying), ezokubethwa (assault) nokufunyaniswa neziyobisi ezingekhomthethweni. Uninzi lootitshala bethu ngamanye amaxesha lufumana ubunzima obukhulu ngenxa yezi meko- ngokokude abanye bawuncame umsebenzi wokufundisa.

NjengeNtloko yeSebe leMfundo kweli phondo, ndiyanibongoza ke ngoko nonke ukuba nisancedise sigcine indlela yokuziphatha eyamkelekileyo ezikolweni zethu. Ootitshala bethu banendima abayidlalayo kodwa indima yenu njengabazali ingundoqo kuyo yonke impumelelo yethu. Ningumzekelo yaye niyancedisa ekubumbeni izimvo zabantwana benu, iimfundiso ezisisiseko zabo, iindlela abacinga ngayo neendlela zabo zokufunda nobomi babo ngokunjalo.

## Nazi ezinye iindlela endicinga ukuba ninganceda ngazo:

- » Ukukhuthaza abantwana benu ukuba baye ngexesha esikolweni yonke imihla, elungiselele **ukufunda, ukudlala, ukuthatha inxaxheba nokonwaba.**
- » Ukuqinisekisa ukuba wonke umntwana ubaphatha ngembeko ootitshala bakhe.



- » Ukukhuthaza indlela yokuziphatha efanelekileyo nenika ithemba. Abantwana abanethemba nabonwabileyo, bachazwa njengabaqhuba bhetele ezifundweni, kwimisebenzi yasemva kweyokufundisa kunye nakubomi babo ngokunjalo.
- » Ukuzibandakanya nabantwana benu yonke imihla ngemfundo yabo nangezinye izinto abanomdla kuzo, umz. ukufunda kwenze kube yeyona nto iphambili kwikhaya lakho okanye uthethe ngomdlalo webhola ekhatywayo olandelayo okanye nantoni na esezindabeni.
- » Ukwakha ukuzithemba kwabo, ukubavumela ukuba bazithembe yaye bakwazi ukucinga nokwenza ngokuzimeleyo!
- » Ukuxoxa ngeziphumo zezenzo zabo yaye nibafundise ukuba ubomi bumalunga nokukhetha - **Abantwana bethu baya kuyivavanya imida esiyibekayo, kodwa kufuneka sibeke imida abangenakugqitha kuyo.**
- » Ukuthetha nabantwana bakho ngeemfundiso eziziseko. Ziyinxalenye ebalulekileyo yoluntu yaye zifumaneka kwiimeko ezahlukeneyo, kuqukwa nakumakhaya ethu okanye esikolweni okanye kwiklabhu zezemidlalo okanye kwimibutho yezenkolo. Thetha ngeemfundiso eziziseko zakho uze ubabuze abantwana bakho ukuba zeziphi iimfundiso eziziseko abakholelwa ukuba zezabo.
- » Ukuxhasa utitshala womntwana wakho unyaka wesikolo wonke. Ootitshala banomthwalo onzima ekufuneka bewuthwele yaye intsebenziswano yenu, ekugqibeleni, iya kuba yinzuzo kumntwana wakho. Ngokucacileyo, kukho iimeko ezinxaxhileyo koku, ngaphandle kwezinto ezinokuthi zifune ukungenelela kwekomiti yolawulo yesikolo. Nangona kunjalo, mnike utitshala womntwana wakho ithuba lokukhula nomntwana wakho njengoko bejongene nalo nyaka mtsha wesikolo.
- » Ukuba ngumzekelo omhle kuyo yonke into eniyenzayo!

Njengoko ndandikhe ndangutitshala nam ngaphambili, ndiyazi ukuba uninzi lootitshala bethu beza kulo msebenzi benethemba elikhulu lokukwazi ukunceda abanye babe ngabona bantu bagqibeleleyo. Masenze konke esinako ukomeleza ootitshala bethu ukuze abantwana bethu bavune iziqhamo.

E-Afrika kukho intetho ethi umntwana ukhuliswa yilali. Siyilali - sonke. Masimenze u-2023 owona nyaka wesikolo ubalaseleyo nangoku.

Masiphilele abantwana bethu.

**Brent Walters**  
iNtloko YeSebe LemFundo